Isalathiso: 20190308-2640
Inombolo yefayili: 3/3/2/4/4
Imibuzo: IZiko leeFoni

ISetyhula: 0017/2019
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela-Balawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zamaziko emfundo nakwimibutho yeemanyano zabasebenzi

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula yazisa inkqubo yokwahlukaniswa kwentlawulo yesibonelelo sezezindlu kubalingane (spouses) abaqeshwe nguRhulumente babaqeshwa bakaRhulumente*.

ISIHLOKO: LE SETYHULA YAZISA INKQUBO YOKWAHLUKANISWA KWENTLAWULO YESIBONELELO SEZEZINDLU KUBALINGANE *(SPOUSES)* ABAQESHWE NGURHULUMENTE BABAQESHWA BAKARHULUMENTE

1. **Intshayelelo**

1.1 ISigqibo 1 sango-2018 seBhunga loThetha-thethwano neMibutho yaBasebenzi beNkonzo kaRhulumente (*Public Service Coordinating Bargaining Council (PSCBC)*, somhla we-08 Juni 2018, siyakuvuma ukwahlukaniswa kwesibonelelo sezezindlu apho bobabini abalingane bengabaqeshwa bakaRhulumente.

2. **Ukuphunyezwa**

2.1 Abalingane abaqeshwe nguRhulumente abakumanqanaba omvuzo 1 ukuya ku-5 baya kufaneleka ukuba bafumane isibonelelo sezezindlu ukususela nge-01 Septemba 2018.

2.2 Abalingane abaqeshwe nguRhulumente abakumanqanaba omvuzo 6 ukuya ku-12 baya kufaneleka ukuba bafumane isibonelelo sezezindlu ukususela nge-01 Septemba 2019.

2.3 Makuqatshelwe ukuba kuphela ngabo baqeshwa be-*Occupational Specific Dispensation (OSD)* nabamanqanaba omvuzo 11 no-12 abangayifumaniyo iphakeji epheleleyo yomvuzo wengqesho (***total cost to company package***), abakufaneleyo ukufumana intlawulo yesibonelelo sezezindlu.

3. **Iikhrayitheriya zokufaneleka**

3.1 ISebe leNkonzo kaRhulumente noLawulo (Department of *Public Service and Administration (DPSA*) lingqinile nge-10 Julayi 2018 ukuba, kusasebenza iSigqibo

sezeZindlu (*Housing Determination*) eyakhutshwa ngowe-10 Oktobha 2012 ngokumalunga neekhrayitheriya zokufaneleka. Abaqeshwa mabaqaphele ezi mfuno zimiselweyo zilandelayo:

3.1.1 Igama lomqeshwa malivele kwisiqinisekiso sobunini-mzi.
3.1.2 Imvumelwano yengqeshiso mayibe segameni lomqeshwa.
3.1.3 Isatifikethi i-*Permission to Occupy (PTO) certificate* masibe segameni lomqeshwa.
3.1.4 Igama lomlingane malivele kwisatifikethi i-*PTO certificate*.
3.1.5 Makungeniswe ingxelo efungelweyo (*sworn affidavit*) yaye mayichaze ukuba umqeshwa nomlingane wakhe kunye/okanye nabantwana abaxhomekeke kuye bahlala kule ndlu.

3.2 Iimfuno ezimiselweyo ezizezona zisezantsi zesatifikethi se-*PTO certificate* zezi zilandelayo:

3.2.1 Isatifikethi i-*PTO certificate* masibe kwiletahedi okanye masibethwe isitampu, esichaza igunya lezolawulo lalo nqila.
3.2.2 Isignitsha, igama elipheleleyo nefani yalowo unegunya lezolawulo lenqila malivele kwisatifikethi se-*PTO*.
3.2.3 Ikopi eqinisekisiweyo yesazisi *(ID)* somqeshwa onikwe imvume yokwakha ikhaya kwisiza esabelwe oko.
3.2.4 Isatifikethi i-*PTO certificate* masibonise ngokucacileyo inxenye yomhlaba /yesabelo somhlaba, yomhlaba owandisiweyo, yecandelo lomhlaba nesithili okuso.

4. **Iimfuno zokufumana isibonelelo sezezindlu**

4.1 Ngokwegatya 4.1.4 leSigqibo 7 se-*PSCBC* sango-2015 ***kunyanzelekile ukuba bonke abaqeshwa babhalise kwi-Government Employees Housing Scheme (GEHS) xa ngaba banqwenela ukusebenzisa iinkonzo zayo ezibonelelwa siskim seGEHS***, kuqukwa kodwa kungaphelelwanga kwisibonelelo sezezindlu.

4.2 Abaqeshwa bangabhalisa besebenzisa enye yezi ndlela zilandelayo:

4.2.1 Kwiziko lewebhu apha: www.gehs.gov.za
4.2.2 Ngokufonela kwiZiko leeFoni loBhaliso (*Enrolment Call Centre*) apha: 0861 12 34 34.
4.2.3 Ngokuqhagamshelana neCandelo laMalungelo aVela kwiNkonzo

4.3 Ukwenzela ukufaneleka kwintlawulo yesibonelelo sezezindlu, abaqeshwa mabazalise yaye bangenise ifom yokwenza isicelo eyi-*Government Employees Housing Allowance application form*.

4.4 Umqeshwa uya kuqalisa ukufumana isibonelelo sezezindlu ukususela kulo nyanga ebefake ngayo ifom yesicelo ye-*GEHS* ezaliswe ngokupheleleyo kunye namaxwebhu axhasayo njengoko kucacisiwe kwifom yesicelo.

5. Kucelwa wazise okukule setyhula bonke abaqeshwa abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2019-04-08